



Vuk'uzenzele

Iziswa yiNkonzo yezoNxibelelwano neNkqubo yoLwazi kaRhulumente (GCIS)

isiXhosa/English

INEZITHUBA
ZEMISEBENZI
YEYASIMAHLA

EyoMsintsi 2015



Mazi
uCeba
wakho

Iphepha 10



I-ofisi
yeGqwetha
leeNtsapho
ibeka
abantwana
phambili
Iphepha 14



I-Afrika ingayi-
tshantsheli
yobuchule
bokuyilla

Iphepha 15

Isikolo esitssha ePhola, eseMpumalanga



Isikolo sale miha iMakause Combined School esinokuthatha abafundi abanokufika kwabali-1 200 sisePhola, eMpumalanga.

Noluthando Mkhize

sikolo, iMakause Combined School, esisePhola eMpumalanga sizise ithe-mba kuluntu ngokuqinisekisa ukuba abantwana baza kufumana imfundo.

Esi sisikolo sinobuxhaka-xhaka bale miha esixabisa izigidi zeerandi ezingama-74 sa-kwazi ukwakhwa ngenxa yesivumelwano sentsebenziswano phakathi kweSebe leM-fundo esisiSeko kanye nenkampani yemigodi, iGlencore.

Ukwakhwa kwesi sikolo bekuyinxal-nye yomsebe-nzi omkhulu wokufuduswa kwabantu kwilali yaseTweefontein basiwa ePhola yinkampani yakwaGlencore njengenxaleny yePhulo lokuPhuhlisa iTweefontein.

Le projekthi isisiphumo sephulo lokutyalal imali ezibhiliyoni zeerandi ezisi-8 ngabakwaGlencore, elinabasebenzi abasisigxina abangama-780, eli-velisa iitonu ezizigidi ezsibhizo ngenyaka zamalahle aza kuthengi-swa. Ngethuba kusakhiwa, le projekthi yadala imisebenzi engaphezulu kuma-2 600 kanye namanye amathuba aliquela oosomashishini bale ngingqi ngokuthi kuthe-ngwe ixizhobo zokusebenza neenkonzo kumashishini akule ngingqi.

Le projekthi iquka nephulo lolwakhwiwolwizindlu, eligqityezelwe ngenye imali ezizigidi zeerandi ezingama-70, eziza ku-hlala iintsapho ebezifudisiwe ezili-120.

UKUBUYISELA ITHEMBA

Esi sikolo, esakhwi kanye phakathi kwe-zindlu ezintsha ezakhwayo, silungiselwe abantwana abakumabanga ezikolompeleso, abakumabanga aphantsi nabakumabanga aphezulu. Sinamagumbi okufundela anga-ma-32, ilebhu yezenzululwazi, izifundo zemisetyenzana yasendlwini, amaziko okufundisa ngokuchwela nangesinyithi, ithala leenewadi, iziko lekhompyutha kanye neholo elinokungena abantwana abali-1 200.

U-Amos Shali Mahlangu uyinqununu kwesi sikolo ngoku iminyaka engama-32 kwaye usibukele sitshintsha ngoku-hamba kweminyaka apha phambi kwamehlo akhe.

Phambi kokuba sifuduswe, sasiseTweefontein, eyindawo eneefama nenemigodi. Oku kwakuthetha ukuba abantwana kwaku-funeba bahambe umgama ongaphezulu kwii-khilomitha ezingama-40 xa besiya esikolweni, besebenzisa izithuthi ezikhutshwe liSebe le-Mfundo esisiSeko.

Ukusukela oko kwakhwa esi sikolo kunye nezi zindlu zintsha ungaphantsi nakwikh-i-

lomitha umgama abawuhambayo xa besiya esikolweni abantwana ngoku.

"Enye yezona ngxaki zaziphambili kwesa sikolo sidala yayikungezi esikolweni kwa-bantwana kwaye nabazali babengazhambi iintlanganiso zesikolo ngenxa yokuba sasi-kude. UKusukela oko safudukayo, liye liphu-ngeka inani labantwana abangeziyo esikolweni kwaye nabazali abaninzi bayeza ngoku ezintlanganisweni."

UPhillip Maimela, ongushihalo wequmrhu lolawulo lwasikolo, unabantwana ababini abafunda kwesi sikolo. Uthi uyavuya sesi sikolo sitsa kwaye abantwana bakhe baza kufumana imfundo esemgangathweni.

UMphathiswa weMfundu esisiSeko, u-Angie Motshekga, obezimase itheko lokuvulwa kwesi sikolo, wathi siza kudlala indima enkulu ekutshintsheni ubomi baba bafundi.

"Ukgalela imali engaka kwezemfundo kubonisa ukuba inkampani yakwaGlencore izimisele kwikamva leli lizwe. Kuxa sisebenza ngokubambisa singurhulumente, amashishini, imibutho yolu-ku kanye nabantu ngokubanzi aphi sinokuzidudula sizoyise iinzima eziza nokungalingani."

Ukuze abantwana bakwazi ukugqwesa, kufuneka babe kwindawo efanelekileyo neyi-

Imisebenzi, izindlu kanye ne-mpilo kwiidolophana ezimelene nemigodi

Urhlumente ubekel buca-la iibhiliyoni zeerandi ezili-18 ukulungiselela ukuphu-cula iimeko abaphila phantsi kwazo abantu abakwimandla ekufutshane nemigodi kulo lonke eli lizwe.

Le projekthi ikhokelwa yiKomiti yaba-Phathiswa (i-IMC) ejongene nokuhaziya imimandla ekufutshane neendawo ezinemigodi, iquka amaphulo okwakhwa kwezindlu naweenkonzo zempilo.

Imali ezibhiliyoni zeerandi ezili-18 ibekel-wa ukusebenza kula maphulo aqhubeke-kayo kwiindawo ezithwaxwa yintsokolo ezimelene nemimandla ene-migodi, kwaye amaphondo aza kuxhamla ngala: iMpuma Koloni, iFreyistatha, iGauteng, KwaZulu-Natal, iLimpopo, iMpumalanga kanye noMntla Ntshona," utshilo uMongameli Jacob Zuma kutsha nje.

UMongameli wabhengeza ukuba iSebe lezokuHla-liswa koLuntu, lixhaswa zi-arhente zalo, liqalisile ngamaphulo karhulumente amalunga nama-66 okwakhia izindlu kwiidolophana ezili-15 ezikufutshane neendawo ezinemigodi ekuthiwe kuza kuqalwa ngazo.

Ngonyaka-mali wama-2014/15, imali engaphezulu kwizigidi zeerandi ezingama-419 kule mali ibibekelwe bucala sele isetyenzisiwe ukuphu-hliisa iindawo ezingamatyotyombe ebezikhethiwe kwimandla enimigodi eLimpopo, Freystatha, Gauteng, Mpumalanga kanye naseMntla Ntshona.

Imali emalunga neebhiliyoni yeerandi ibekelwe bucala kulo nyaka-mali. Ngale mali kulindeleke ukuba kwakhwiwolwizindlu izimalunga nama-19 000 kwezi dolophana zimelene nemigodi.

Ukongeza kule ngxowa-mali isisibonelele sezokuhlalisa koluntu ibekelwe bucala ilungiselela imimandla esokolayo emelene nemigodi, i-arthente zezezindlu zeSebe lezokuHla-liswa koLuntu zincidise ngemali eyibhiliyoni yeerandi kwinkqubo ehlanganisiweyo yokuhaliwa kwabantu kwidolophana ezimelene nemigodi.

UMongameli uZuma uthe amasebe karhulumente amaninzi aqhuba amaphulo oshishino amakhulu namancinci kwiidolophana ezili-15 ezimelene nemigodi.

Uthe oku kabaluleke ngokumandla ekudaleni ama-thuba omsebenzi nawoku-shishina.

nkuthazo, ngolo hlobo esi sikolo silikhaka lethembalaye wonke umntu," utshilo uMphathiswa uMotshekga.

Uthe uqinisekile ukuba esi sikolo siza kukhupha iinkcubachopho ezifunekayo

> Liqhubeka kwiphepha lesi-2

EMINYE IMIBA GABALALA

UMongameli ubambe iingxoxo nabafundi



UMongameli Jacob Zuma uthetha nabafundi baseTshwane University of Technology.

Masaelo Seshotli

UMongameli Jacob Zuma uzibonele ngawakhe amehlo iimeko abafundi abaphila phantsi kwazo ngethuba ebetyele eTshwane University of Technology, esemantla ePiToli, kwezi ntsukwana zidulileyo.

Olu tyelelo beluyinxalenyen yenkubo ka-Mongameli iSiyahlola kanye noluhlu lweenkubo zakhe zeNyanga yoLutsha, ebixini-nise kwimfundu, uphuhliso Iwezakhono kanye nokudala imisebenzi.

"Sifumene izikhala zoengxaki yokungabi namali yokubhatala isikolo, ingxaki abantu abatsha abaninzi kweli lizwe abajongene nayo. "Siyavuya kuba abantu abatsha kweli lizwe banxanelwe imfundu ngolu hlobo kwaye thina njengorhulumente siza kuzama ukuzilungisa ezi ngxaki," utshilo uMongameli Zuma.

Abafundi bamxelele nangengxaki yokungabi namali yokubhatala isikolo, ingxaki abantu abatsha abaninzi kweli lizwe abajongene nayo.

ULindokuhle Manne (oneminyaka eli-18), umfundu owenza unyaka wokuqala kwizifundo ze-Business Communication uthe yena eyona imxhalisa kakhulu luncedo ngemali yokufunda.

"Ayingabo bonke abafundi abaxhamlayo

kwiSikimu seSizwe sokuNcedisa abaFundingeMali yokuFunda (i-NSFAS). Oku kuyingxaki enku kakhulu kuthi," utshilo uManne.

IBETHESDA FOUNTAIN CHURCH

UMongameli uphinde wandwendwela iBethesda Fountain Church, eseley iydawo abagobe kuyo ityholo abafundi abangafumananga ndawo yokuhlala ngaphakathi esikolweni.

Le cawe ihlalisa abafundi abangama-70. Omnye waba bafundi yidyongwana eminyaka ingama-20, uNkosingiphile Sibeko.

"Abantu beli bandla lale cawe ngabantu abanobuntu kwaye basenzela ububelele kakhulu," utshilo uSibeko.

UKUXHOTYISWA KOLUTSHA
UMongameli uqoshelise uhambo lwakhe ngokuya eBotho Socio-Psychology Centre,

Ukwakha izindlu kulungi-selelwia ikamva eliqaqa-mbileyo



UMphathiswa uFaith Muthambi uncedisa ekwakhewi kwenye yezindlu ebezithembise iintsapho ezintlanu.

Thandeka Ngobese

Ngethuba uMphathiswa wezoNxibeletwano uFaith Muthambi etyelele eWillow Fountain ePietermaritzburg, KwaZulu-Natal ngethuba leeMbizo zikaMongameli ngeyoMsintsi kulo nyaka upheliye, waziva echukumisekile zimeko ababejamelanu nazo abantu bale ngingqi.

Waye wathembisa ukuba uza kophosa igade ukuncedisa ekuphuculenit abomi babo.

Masibaleke ke ngoku size kowama-2015, uMphathiswa uMuthambi akasaphulanga isithembiso sakhe.

ngethuba leeMbizo zikaMongameli uMphathiswa uMuthambi wakhutshwa ukuba aqhube iphulo lohanjiso lweenkonzo lokungena umzi nomzi kulo mmandla.

Wathi akubona iimeko ezelusizi abantu balo mmandla abaphila phantsi kwazo, uMphathiswa wathathela phantsi kwephiko lwakhe uWadi 14 waze wakhetha iintsapho ezisixhenxe ezazifuna ukwakhelwa izindlu. Uninzi lwezi ntsapho zazihlala kwizindlu zodaka ezincinci nezicweleyo.

"Ndiyavuya ukuba umasipala ezbophele ukuba uza kwakhela iintsapho ezintlanu izindlu. Ndiye ndakwazi ukufuma iinkxaso ngezimali zokwakhela ezinye ezi iintsapho zimbini. Abakhi baye bandithembisa ukuba zonke ezi zindlu, ziza kuba namagumbi amathandathu, ziza kugqitywa kwisithuba seeveki ezimbini. Umasipala naye uza kuncedisa ngeenkonzo ezifana nombane, amanzi kanye nefenitshala eza kungena kwezi zindlu," utshilo uMphathiswa.

Lo msebenzi wokwakha ezi zindlu udale amathuba omsebenzi ali-10.

Omnye owakhelwe indlu uMlandelo Madondo, oneminyaka engama-53, uthe bebehla belithoba kwindlu yodaka enamagumbi amathathu.

"Akukho ndawo yokuba ungazivalela wenze izinto zakho kwaye besiphila ngokumane sibamba izingxungxo. Siyavuya ukuba urhulumente usenze abantu wasakhela le ndlu. Andinamazwi oneleyo okubulela uMphathiswa uMuthambi," utshilo uMadondo.

Omnye nawe owakhelwe indlu, uSanele Mathe, oneminyaka eli-19, uthi akakwazi ukuzibamba luvuyo ukuba le ndlu intsha ide igqitywe.

"Singabantu abali-15 abahlala kwindlu

enamagumbi amabini, kwaye kunzima nokuba umntu abe neendawo yokuzikhusa enze izinto zakhe. Andisakwazi nokuzibamba luchulumanco. Siswele amazwi ombulolo ngale ndlu iyindlu yokwenene," utshilo.

Ukutshintsha ubomi

Uluntu lwale ngingqi ngoku akusafuneki luhambe imigama emide ukuze bafumane iindawo eneintanethi kuba ikhona kwalapha kufutshane, oku kwenzeke ngenxa yemisebenzi yeSebe lezoNxibelelwano (i-DoC).

Ethetha kumsitho wokuvulwa kweli ziko, uMphathiswa uMuthambi uthe wathi akuba etyelele le ndawo, wabona ukuba uninzi lwabantu abatsha abayi esikolweni babe-yabula ezitalatweni ngexesha lesikolo.

Eli ziko litsha lineekhompyutha lilungiselelwie ukutshintsha indlela abalichitha ngayo ixesha abantu ingakumbi ulutsha, libatshintshe babe ngabantu abenenkubela ekuhlaleni.

I-DoC isebezisana nabakwaVodacom, balivula ngokusesikweni eli ziko lee-khompyutha ezingama-21 ezinobuxhaka-xhaka be-intanethi obuhamba ngesantya esiphezulu kakhulu obuza kunceda abantu abatsha kulo mmandla uzilali ukuba nabo bakwazi ukunxibelelana nehlabathi liphela.

UMphathiswa uMuthambi uthe ezi khompyutha zinobuxhaka-xhaka bale miha ziza kufundisa abantu izakhono zokusebenzia ikhompyutha eziza kubanceda xa befuna imisebenzi.

"Eli ziko liza kudalela abantu abatsha amathuba emisebenzi angama-20 abaza kusebenza njengabaaqeqeshi kweli ziko. Ababini kwaba sele beqequesha ngabakwaVodacom ukuze bakwazi ukuza kuqequesha abanye. Ngethuba uMongameli

iziko lokuxhobisa abantu abatsha ngezakhono, eliphantsi kwedyunivesiti le.

Eli ziko yiminyaka lince da abantu abatsha bale ngingqi ngokubaxhobisa ngezakhono ezithile ukuze bakwazi ukutshintsha ubomi babo ngokubasusa ezitalatweni babanika amathuba okuphucula ubomi babo," utshilo uMphathisi weZiko uStevens Lodi.

Eli ziko, lifundisa izifundo ezalhukeneoyo, lixhaswa ngemali liSebe loPhuhliso loLuntu kwaye lince da ngezi nkonzalo abantu abatsha abaneminyaka ephakathi kweli-18 nama-35.

UCo mfort Mnisi wangena kweli ziko ekuqaleni kwalo nyaka kwaye sele eziphumelle izifundo ezingophuhliso Iwezakhono zentlalo zobomi kwaye ngoku wenza izifundo zoqeqesho kwizakhono zekhompyutha.

"Phambi kokuba ndize apha eBotho ndandingenanto yokwenza. Ngoku ndinamaphupha yaye ngezi zakhono ndizifunde apha ndiza kukwazi ukuya phambili ngobomi bam," utshilo uMniso.

UKUNGENELA KUKARHULUMENTE

Amasebe kune namaziko karhulumente awalali azama ukungenelela kwezi zikhala zoabafundi ngeendlela ezalhukeneoyo. Ezi ziqaoku:

- > ISebe lezabaSebenzi liqulunqe uluhlu oluneenkukacha oluza kubhalisa abantu abatsha abangasebenziyo ngokubafaka emisebenzini lisebenzisa abaSebenzi bee-Nkonzo zemiSebenzi kule ngingqi.
- > AbeNkonzo zobuPolisa zaseMzantsi Afrika baqalis nge-nkqubo yokufundisa abafundi abali-15 umsebenzi.

UMongameli Zuma uye wacela uluntu ukuba lubonelele abafundi ngeeendawo zokuhlala, esithi uninzi lwabo luyafuna ukuhlawula imali yerente xa befumana indawo efanelekileyo.

Olu tyelelo lube yimpumelelo ngenene kuba amanyathelo angundoqo okungelela aye aziswa futhi kwabonakala nenqubela.

[eIsikolo esitsha ePhola, eseMpumalanga] > Liqhubeka lisuka kwiphepha loku-1

ukuze zenze uMzantsi Afrika untingele emajuku-jukwini zikhwezele nophuhliso loqoqosho.

UMlawuli wesiGqeba soLawulo (i-CEO) wakwaGlencore SA Coal, uClinton Ephron, uthi: "Siyazinga ngokunikezela esi sikolo kwiSebe leMfundu esiSiseko. IsiKolo saseMakause singumzekelo obonisa ukuba siwukhathalele uMzantsi Afrika kune noluntu lweendawo esibenza kuzo."

"Imfundu esemgangathweni isisiseko esingqingwa sokunika abantwana amathuba wokuba baye kunqandwa zinkwenkwezi," wongeze watsho.

Jacob Zuma esenza iNtetho engoBume beSizwe wathi izivumelwano zentsebenzisano phakathi kwamashishini abucala kune norhulumente zibaluleke kakhulu kumaphulo okuhanjiswa kweenkonzo, silapha namhlanje njengomzekelo wokwene wamazwi kaMongameli," watsho uMphathiswa uMuthambi.

UViwe Soga, ongumcebisi wakwaVodacom n g o o R h u l u m e n t e b a m a P h o n d o nabaseKhaya, wathi abakwaVodacom bafaka i-Wi-Fi kweli ziko kwaye baza kufaka i-data eyi-2GB rhoqo ngenyanga kwezinyanga zili-12 zizayo.

"Oku kuvuyisa kakhulu kuthi kuba kubonakalisa indlela esizimisele ngayo yokuqinisekisa ukuba abakwaVodacom benza ukuba wonke ubani akwazi ukufikelela kwi-intanethi," utshilo uSoga.

UMphathiswa uMuthambi uye wapha abantwana abasixhenxe abasuka kumakhaya anga-thathi ntweni iimpahla zokuxniba zesikolo. Uye wacebisa noluntu ukuba luzigade ezi zixhobo luzinikwego.

EZOKHUSELO NOKHUSELEKO

I-ofisi yeGqwetha leeNtsapho ibeka abantwana phambili

Samona Naidu

Amatyala amaninzi ezinkundleni zomthetho okrutha-kruthwano, iimbambano, awokucela umthetho ukuba ungenelele kune nawokuxhwilwa kwabantwana aqhubeke imihla nezolo eMzantsi Afrika, kwaye kuwo onke abantwana baphela bengamxhoba.

Yiminyaka i-Ofisi yeGqwetha leeNtsapho (i-OFA) isilwela ukuba abantwana abasemngciphekweni wokuxhaphazeka nabangakwaziyo ukuzilwela bakwazi ukufumana uncedo lezomthetho nobulungisa, simahla.

Le Ofisi iphantsi kuka-Adv Petunia Seabi-Mathope, iyinxalenyenye yeSebe lezobuLungisa neeNkonzo zoLuleko. Isebenza njengengcali yomthetho wezensapho engakhethi cala kune nomcebisi wenkundla kumatyala anxulumene nokubangisana kwabazali ngabantwana kune namalungelo abo njengabazali. Incedisa nasekubhaleni izicwangiso zokuhulisa abantwana, iqhuba neenkubo zokuvavanya isimo sengqondo sabantwana isebezisana noonontlalo-ntle futhi ingenelele xa kukho iimbambano phakathi kweentsapho eza kuchaphazela ubomi bomntwana.

"Eyonadima yethu kukukhusela nokulwela intalontle yabantwana eMzantsi Afrika.

Ubukho nje bodwa bale ofisi bubonisa ukuba uRhulumente woMzantsi Afrika uaykuqonda ukuba abantwana ngokwenyani babaluleke kakhulu kweli lizwe kwaye bubonisa ukuba sizimisele ukukhusela amalungelo abantwana abangenabani ngokwemithetho yeli lizwe nezivumelwano namazwe ngamazwe uMzantsi Afrika ekufuneka izithobe," utshilo u-Advocate Seabi-Mathope.

I-OFA, eza kube ibhiyozela iminyaka engama-25 kulo nyaka, kuqala yayingenamagunya namhlaba ubanzi kwaye ii-ofisi zayo zazikwiindawo ezithile.

Kwathi kwakuphunyeza uMthetho

linkukacha zonxibelelwano zee-Ofisi zamaGqwetha eeNtsapho:

iGqwetha eliPhezulu leeNtsapho:
Adv Petunia Seabi-Mathope
Inombolo yefowuni: 012-357 8022,
I-imeyle:
NationalOffice-FA@justice.gov.za,
Idilesi: 329 Pretorius
Street, Momentum Building, West
Tower, Pretoria

EBloemfontein, eFreyistatha:
Adv. L.M. Sangu
Inombolo yefowuni: 051-447 1115, I-imeyle:
Bloemfontein-FA@justice.gov.za,
Idilesi: 163 A Nelson
Mandela Drive, 2nd Floor Sanlam
Building, Bloemfontein

EKapa, eNtshona Koloni:
Adv. S. Ebrahim
Inombolo yefowuni: 021-426 1216, I-imeyle:

CapeTown-FA@justice.gov.za,
Idilesi: 55 Union Castle
Building, 10th Floor, c/o House
Street & St George's Mall, Cape
Town

EDurban, KwaZulu-Natal:
Adv M. C. O'Gorman
Inombolo yefowuni: 031-310 6500,
I-imeyle: Mogorman@justice.gov.za,
Idilesi: 143 Margaret
Mncadi Ave, 15th Floor Maritime
House, Durban

EMonti, eBuffalo City, eMpuma Koloni:
Adv K Gounden
Inombolo yefowuni: 043- 722 8866/7, I-imeyle:
EastLondon-FA@justice.gov.za,
Idilesi: 29 St Peters
Road , Southernwood, East London

ERhawutini, eGauteng:
Adv. N. Thokoane
Inombolo yefowuni: 011-333 3724, I-imeyle:
Johannesburg-FA@justice.gov.za,
Idilesi: 94 Pritchard

EKimberley, eMntla Koloni:
Adv. P.M Molokwane
Inombolo yefowuni: 053-833 1019/63, I-imeyle:
Kimberly-FA@justice.gov.za,
Idilesi: 5th Floor,
New Public Building (INkundla kaMantyi), c/o Knight
& Stead Street, Kimberley

EMafikeng, eMmabatho, eMntla Ntshona:
Adv. B.Makganyoha
Inombolo yefowuni: 018- 388 9500, I-imeyle:
Mafikeng-FA@justice.gov.za,

Idilesi: 461/805 Steve
Biko Drive, Unit 2, Mmabatho

EMbombela, eMpumalanga:
Adv. B. Mkhize
Inombolo yefowuni: 013 752 2755, I-imeyle:
Nelspruit-FA@justice.gov.za,
Idilesi: No 3 Marloth
Street, Nelspruit

EPolokwane, eLimpopo:
Adv. M.E. Khesa
Inombolo yefowuni: 015 291 1730, I-imeyle:
Polokwane-FA@justice.gov.
za, Idilesi: Wyndom
Park Building, 23 Rabie Str,
Polokwane

Imali egalelwane kwiinkundla zoMzantsi Afrika zamabango amancinci

Noluthando Mkhize

iNkundla zamaBango amaNcinci mbombo zone zeli lizwe ziza kuphucuka ngenxa yesivumelwano phakathi kukaRhulumente waseMzantsi Afrika kune neSwiss Confederation.

Esi sivumelwano, nesaqala ukusebenza ngowama-2007, siza kuhlelwa ngezigaba ezibini. Zizigidi zeerandi eziyi-4.5 zizonke ebezibhatelwe ngethuma lesigaba sokuqala, esaqhuba kwada kwaNgowama-2011 kwaye sona sasigxile eku-phuculen umsebenzi weeNkundla zamaBango amaNcinci.

Isigaba sesibini saqalisa ngeyo-Kwindla Ngowama-2011 saza kuphela ngomhla wama-28 kwegoMdumba ngowama-2015, kwagalelwena nyenye imali ezizigidi zeerandi ezili-10 ngethuma laso.

Ekupheleni kwesigaba sesibini, iSwiss Confederation yaye yacela ukuba sandiswe esi

sivume-lwano ngeenyanga ezilishumi, zona eziza kuphela ngeyoMnga ngowama-2015. Oku kuza kungenisa izigidi zeerandi ezi-3.

Oko yaqalayo le projekthi, iiNkundla zamaBango amaNcinci ezingama-331 sele zivuliwe, uninzi lwazo zikwimimandla eyayihlelelelele ngaphambili, iidolphana ezingamaphandle nase-zilokishini.

Ukongeza, izikhokelo zenkqubo zomabhalalane beeNkundla zamaBa-ngo amaNcinci kune nabakomishinala zashicilewa zahanjiswa eluntwini kwaye ngoku ziylahlaziywa zihlelwa ngokutsha, oku kuhamba ngaxeshanye noqeqesho loombhalane abangama-270 kune nabakomishinala abangama-487.

Abakomishinala abachophela amatyala kwezi nkundla bakhethwa kumagqwetha afundileyo nanamava kune nezifundiswa zezomthetho kwaye banika uncedo lwezomthetho ngaphandle kwentlawulo.

Ngethuma uMphathiswa wezobuLungisa

neeNkonzo zoLuleko, uMichael Masutha esenza intetho yakhe yeVoti yoHlahlo Lwabiwo-mali kutsha nje, uthi iiNkundla zamaBango amaNcinci zingamaqonga abalulekileyo ukunceda abantu ukuba bakwazi ukufikelela kubulungisa ngokukhawuleza simahla.

"Inani leeNkundla zamaBango amaNcinci linyukile ukusuka kuma-68 ngowama-2009 laya kuma-340 ngowama-2014/15. Sekumbovu ngoku ukuba sifike kwinani leenkundla esilifunayo elingama-384, kwisithili sikamantyi ngasinye," utshilo.

IiNkundla zamaBango amaNcinci zisetyenziswa ukusombulula iimbambano ezincinci phakathi kwamaqela kungekho kumelwa ligqwetha ngokubonisana ngokuthetha-thethana.

Imali engaqithiyo kuma-R15 000 kungafakwa isicelo sokuyibanga kwiNkundla yamaBango amaNcinci. Phambi kowe-2010, iiNkundla zamaBango amaNcinci zazivumeleke ukuxoxa kuphela amatyala anamabango ayi-R7 000

okanye ngaphantsi.

Amatyala amabango anakuchotshe-iwa kwezi nkundla aye enyusa ixabiso lebangola kwaye kutsho kuma-R15 000 ukusuka ngoTshazimpunzi kowama-2014.

Nabani na angaya kwiiNkundla zamaBango amaNcinci ngaphandle kokuhlawula imali, umuntu ulindeleke ukuba ahlawule nje kuphela iindleko zikaNothimba.

Isebe lifuna ukuba nezi nkundla kuzo zonke izithili zikamantyi kwilizwe liphela.

Ngeenkukacha ezithe vetshe unganxibelelana noNksz Funeka Thema (Inombolo yefowuni: 012-357 8236) okanye uNksz BS Sithole (Tel: 012-357 8258) Inombolo yefeksi: 086 500 5549. 16th Floor, East Tower Momentum Building, Pretoria

Xa ufuna i-SCC ekufutshane nawe, yiwa ku-
http://www.justice.gov.za/scc/scc_courts.htm

OFFICE OF THE FAMILY ADVOCATE PROTECTING THE BEST INTERESTS OF CHILDREN

There are thousands of children in the country who are affected everyday by legal custody battles, mediation or child abduction. These circumstances make children vulnerable and affect them in many ways. The Office of the Family Advocate, located in the Department of Justice and Constitutional Development, is driven by the need to protect the rights of children whose parents are in dispute.

A FAMILY RESTORED

Two young siblings from Mabopane in Gauteng now have a chance to live a healthy and happy childhood due to the assistance from the Garankuwa district Office of the Family Advocate (OFA).

Simphiwe Lamola (7)* and his younger sister, Namhla (5) were recently reunited with their father, Ernest Lamola, who sought assistance from the OFA. The children had been in the custody of their mother, Siphokazi, after the couple split in 2013. During this time, Simphiwe and Namhla did not attend school regularly.

Fearing she would lose her children, Siphokazi was assured by the family councilor that the mediation between her and her ex-husband would ensure that the wellbeing of the children would be put first. Both parents agreed to work out a way to best support and meet the best interests of their children together.

A mediation session was held by the Office of the Family Advocate. The matter was resolved by the parents, with the assistance of the councilor, within a few hours. As a result, the children are now living with their father, and visit their mother regularly.

*The names of the family members were changed to protect their identity.

WHAT IS THE OFFICE OF THE FAMILY ADVOCATE?

A Family Advocate is an unbiased Family Law specialist who assists parental parties to reach an agreement on disputes regarding the care and contact of children through mediation.

YOU MAY CONSULT THE OFFICE OF THE FAMILY ADVOCATE IF:

- There is a dispute regarding contact or care of a child.
- A person wants to draft a parental rights and responsibilities agreement.
- They want to register their parental rights and responsibilities agreements.
- A person wants to amend or terminate parental rights and responsibilities agreements registered with the Family Advocate.

The Family Advocate can amend or terminate parental rights and responsibilities agreements registered by the Family Advocate's office. This means that the parties do not have to go to court if they want to amend the agreement when the need arises.

In the process of consulting, if the parties reach agreement on disputed issues the matter does not proceed to trial, thereby saving legal costs and time.

Courts or Judicial officers are required by law to consider the report and/or recommendations of the Family Advocate when making a decision as to what is in the best interest of the minor child.

Courts will not readily give a decree of divorce where there is a dispute regarding minor children without the report or recommendations of the Family Advocate.



QUICK FACTS

- The Family Advocate cannot become involved in any matter that has already been finalised by the Court.
- The Family Advocate cannot be subpoenaed to Court as a witness to give evidence on behalf of any party even if his/her recommendation is in favour of that party.
- The Family Advocate is a neutral institution and cannot act as a legal representative.